**IMIYALELO:**

1 Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo A noMNYE kwiCandelo B ibe MIBINI kwiCandelo C.

2. ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.

3. Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho ozinikileyo.

4. Bhala cacileyo nacocekileyo ukuze kuba lula ukukorekisha umsebenzi wakho.

5. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.

6. UBUDE BEEMPENDULO:

ICANDELO A: IsiNcoko – Bhala isincoko esingama-400 – 450 amagama.

ICANDELO B: ImiHlathana emide – Bhala i-180 – 200 (umxholo kuphela) amagama.

ICANDELO C: ImiHlathana emifutshane – Bhala i-120 – 150 amagama.

ICANDELO D: IITEKISI EZIBONWAYO NEZEMALTHMIDIYA - Bhala ama-120 – 150 amagama.

**ICANDELO A**

**ISINCOKO**


**UMBUZO 1**

Kwakhala ifowuni yaphendulwa ngutata, kwavakala ilizwi lendoda lisithi, "Umama wenu ulapha asinakumbulala xa ninokuhlawula amawaka amahlanu eerandi." Balisa ngesi siganeko sale mini, uqale kwixesha awalahleka ngalo umama wakho uye kuthi ga kwindlela eyasonjululwa ngayo le ntsumantsumane. **[50]**

**OKANYE**

**UMBUZO 2**

Inkomo sesinye sezilwanyana ezitshotsh'entla ngokubaluleka kwintlalo kaNtu. Yila isincoko ungqiyame ngale ntetho nalo mfanekiso ulandelayo.



**[50]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3**

Baninzi abantu abangumzekelo apha ebomini, ingangumntu ongumdlali weqonga, ongumdlali webhola, inkokheli kwezopolitiko, inkokheli yezakwaLizwi, imvumi njalo njalo. Wena ingaba ngubani umntu ongumzekelo kuwe? Bhala isincoko esithi, "Umntu ongumzekelo kum." Nika izizathu zokuba ukhethe yena. Umchaze ukuba ungumntu onjani, umsebenzi wakhe, inkangeleko yakhe, igalelo lakhe entlalweni, njalo-njalo. **[50]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4**

Amanzi aluncedo kodwa akwangumbulali. Bhala isincoko esithi, "Ukubaluleka nobungozi bamanzi". **[50]**

**OKANYE**

**UMBUZO 5**

Bhala isincoko esithi, "Xa ndinokuba nguSihlalo wesigqeba seBhunga labafundi kwisikolo sam.“ **[50]**

**OKANYE**

Copyright reserved 

**UMBUZO 6**

Wawukufutshane nendawo yentlekele emasikizi, wazibonela ukusuka nokuhlala kwayo. Bhala ibali eliya kuthi lenze nobengekho ange ebekhona. **[50]**

**AMANQAKU EWONKE KWICANDELO A: 50**

## ICANDELO B

## IMIHLATHANA EMIDE

**UMBUZO 1**

Ungummeli wabafundi kwibanga ofunda kulo kodwa indlela abakuphethe ngayo ayikonwabisi kwaphela ngokungathi zange wonyulwe ngabo. Ngenxa yale mpathombi, unqwenela ukusilahla esi sikhundla. Bhalela utitshala ongumphathi weli banga imemorandam, umxelele ngale ngxaki, kwaye ugxininise kanobom kwizizathu ezibangela ukuba ufune ukulahla kwesi sikhundla. **[30]**

**OKANYE**

**UMBUZO 2**

Ivenkile yeempahla yodumo u-PEP inesithuba somsebenzi womntu onesakhono sokupakisha impahla evenkileni. Umntu ofunwayo ngophumelele ibanga le-10. Bhala ISIVI evelisa zonke iinkcukacha ngawe uziqaqambise ukuba uwufanele loo msebenzi**.** **[30]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3**

Ufunda ibanga le-10 kodwa awusithandi isikolo ofunda kuso, ingathi unyaka awusapheli ukuze uye kufunda kwesinye isikolo osithandayo. Bhalela inqununu yesi sikolo ufuna ukuya kufunda kuso, ucele indawo yokufunda. Yithi thaca izizathu ezibangela ukuba ufune ukuya kufunda kwisikolo sakhe. **[30]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4**

Njengonobhala wesigqeba esilawula abafundi esikolweni, bizela amanye amalungu esigqeba entlanganisweni, uwanike nesicwangciso-nkqubo [i-ajenda]. **[30]**


**AMANQAKU EWONKE KWICANDELO B: 30**

## ICANDELO C

## IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

### UMBUZO 1

Usebenza kumzi othengisa izindlu wakwa-IGOLI HOMES. Njengomthengisi ovunyiweyo, **bhala isibhengezo-ntengiso** esitsala umdla kumthengi.



**[10]**

**OKANYE**

### UMBUZO 2

**Yila ikhadi** lesimemo somnyhadala womxhentso wesiNtu oza kuqhutyelwa kwisikolo sakho ngokusuku lokukhumbula ingqanga yolwimi lwesiXhosa, uS.E.K. Mqhayi. **[10]**

**OKANYE**

### UMBUZO 3

**Bhala i-imeyl** eya kumhlobo wakho okwelinye iPhondo umxelele ngombhiyozo womhla wokuzalwa kwakho oza kubanjwa kutshanje. **[10]**


**AMANQAKU EWONKE KWICANDELO C: 10**

**ICANDELO D**

**ITEKISI EZIBONWAYO NEZEMALTHMIDIYA**

**UMBUZO 1**

Usandula kuhla kwinqwelo-ntaka kwisiKhululo saseCape Town International Airport esisemfanekisweni. Unikwa le mephu ukuba ikukhokele kuba ufuna indlela eya kweliya chaphaza likhulu libomvu lingaseMilnerton. **Bhala** eyona ndlela imfutshane yokuya kufika apho.




**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 2**

Umalume wakho uvule ishishini elithengisa iyunifom yesikolo. **Yila ii-flaya** eziza kwenza eli shishini laziwe luluNtu. Kwii-flaya zakho qiniseka ukuba ziyavela zonke iinkcukacha ngeli shishini. **[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3**

**Bhala iresiphi** yako nakuphi ukutya kwezi ndidi zilandelayo: umqa okanye isaladi okanye isonka sombona (umkhupha). **[10]**

**AMANQAKU EWONKE KWICANDELO D: 10**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Copyright reserved